



# basic education

---

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## **SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**2021**

**AMANQAKU: 100**

**IXESHA: liyure 2½**

**Olu viwo lunamaphepha ama-5.**

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:  
ICANDELO A: Isincoko (50)  
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)
2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:  
ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80  
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35)
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

**UMBUZO 1**

- 1.1 Kwabamnandi kum naloo ndumasi. [50]
- 1.2 Ukuguquguquka kwemo yezulu. [50]
- 1.3 Okunokwenziwa ukuqinisa ukhuseleko ezikolweni. [50]
- 1.4 Musa ukulahla imbo yakho ngoPhoyiyana. [50]
- 1.5 Amakhasi onxibelelwano angachitha. [50]
- 1.6 Imali iyingxaki efunekayo. [50]
- 1.7 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi-[www.superheros.com](http://www.superheros.com)]

**[50]**

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi-[www.googlesearch.com](http://www.googlesearch.com)]

**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A:**

**50**

**ICANDELO B: IMIHLATHI**

Khetha imihlathi ibeMIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

**UMBUZO 2****2.1 ILETA EYA KUMHLELI**

Bhala ileta eya kuMhleli wephephandaba lengingqi yakho ucebise uluntu ngeendlela ezikhuselekileyo zokusebenzisa i-ATM.

**[25]****2.2 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umzali wakho ileta ucele ukwenzelwa itheko lokubhiyozela iminyaka engama-21, umcacisele ukuba kutheni ulifuna eli theko.

**[25]****2.3 I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yomntu obelitshantliziyo lamalungelo olutsha.

**[25]****2.4 I-AJENDA NEMIZUZU YENTLANGANISO**

Bhala i-ajenda nemizuzu yentlanganiso eneenjongo zokunyusa ingxowamali yombutho ngekonsathi.

**[25]****2.5 IRIVYU**

Bhala irivyu yecwecwe lomculo elisandukuphuma.

**[25]****2.6 INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho oza kuyenza esikolweni malunga nokusetyenziswa kweeselula njengezixhobo zokufunda nokufundisa.

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**